



Iindlela zothutho



Room to Read



Ndiyibhayisekile.
Ndinamavili amabini.

Ucinga ndingenza ntoni?
Ungandikhwela ngokonwaba.

Wena ungenza ntoni?





Ndisisithuthuthu.
Ndinamavili amakhulu amabini.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathatha omnye okanye ababini
kuni ndibase kwiindawo ezikude
ngokukhawuleza.

Ungenza ntoni wena?



Ndiyimoto.
Ndinamavili amane.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingalayisha umntu omnye ukuya
kwabasixhenxe. Ndingakusa kwiindawo
ezinika umdla.

Wena ungenza ntoni?





Ndiyiteksi.

Ndisisithuthi sikawonke-wonke.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu abalishumi elinesithandathu. Ndingabasa emsebenzini nabafundi ndibase esikolweni.

Ungenza ntoni wena?



Ndiyibhasi.

Ndikwasisithuthi sikawonke-wonke.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu kwiindawo ezininzi.
Ndingasa abasebenzi emisebenzini, abantu
ndibase edolophini. Ndingathutha abafundi
ndibase esikolweni.

Wena ungenza ntoni?





Ndiyi-ambulensi.

Ndisisithuthi sikaxakeka. Ndincipeda abantu ngamaxesha obunzima.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndikhwelisa abantu abagulayo okanye abonzakeleyo ndibase esibhedlele. Ndihamba ngesantya esiphezulu. Ngaphakathi ndinekiti yezixhobo zongxamiseko ezincedisana nabagulayo okanye abonzakeleyo endleleni eya esibhedlele.

Ungenza ntoni wena?



Ndisisicima-mlilo.

Ndikwasisithuthi sikaxakeka. Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingalayisha izixhobo zokucima umlilo. Ndingacima imililo emikhulu ngokukhawuleza. Xa isibane sam sidanyaza, abaqhubi bema bucala ukuze ndidlule

Wena ungenza ntoni?





Ndiyiteletele.

Ndingumhlobo wokwenyani wabalimi.

Ndinamavili amakhulu amane.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndiyakwazi ukulima nokuvuna intsimi.

Ungenza ntoni wena?



Ndiyilori yefenitshala.
Ndinamavili amakhulu amaninzi.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathutha imithwalo emikhulu.
Ndingayithwala ndiyise kwiindawo ezahlukeneyo.

Wena ungenza ntoni?





Ndiyilori yenkunkuma.

Ndinamavili amakhulu amaninzi.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathutha inkunkuma ndiyokuyilahla.

Ungenza ntoni wena?



Ndinguloliwe.

Ndihamba kumzila kaloliwe. Ndinamavili entsimbi amaninzi. Ndihamba ngesantya esiphezulu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu abaninzi.

Ndingabasa kwiindawo ezahlukeneyo.

Wena ungenza ntoni?





Ndinguloliwe ohamba ngesantya
esiphezulu. Ndi hamba ngesantya
esiphezulu kakhulu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndithwala abantu ndibase kwiindawo
ezahlukeneyo ngexesha elifutshane
kakhulu.

Ucinga ukuba ndingenza ntoni?



Ndinguloliwe wempahla. Ndingoyena
loliwe ucothayo.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathwala imithwalo enzima emininzi.
Ndingayithwala ndiyise kwiindawo ezikude.

Ungenza ntoni wena?





Ndiyinqanawa.
Ndihamba elwandle.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu abaninzi ndibase
kwiindawo ezikude. Ndingathwala iimpahla
ndziwelise ulwandlekazi.

Wena ungenza ntoni?



Ndiyinganawa yemithwalo.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathwala iimpahla nezinto
eziphathekayo ezisuka kwelinye izibuko
zisiya kwelinye.

Ndingadlala indima enkulu kurhwebo
lamazwe ngamazwe.

Ungenza ntoni wena?





Ndisisikhephe sokuloba.
Ndineminatha namagwegwe.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndinganceda abalobi babambise
iintlanzi ngokulula. Ndingagcina iintlanzi
ngaphakathi.

Wena ungenza ntoni?



Ndiliphenyane.
Ndihamba emanzini.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathwala abakhweli nempahla.
Ndingathwala iimoto, iilori nezilwanyana.

Ungenza ntoni wena?





Ndiyinqwelo-moya.

Ndibhabha kwisibhakabhaka, ngentla kwamafu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingabhabha nabantu ndibase kwiindawo ezahlukeneyo. Ndingathwala iimpahla ndizise kwiindawo ezikude.

Wena ungenza ntoni?



Ndiyinqwelo-moya.

Ndibhabha kwisibhakabhaka, ezantsi kwamafu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndinganceda abantu ngexesha likaxakeka.
Ndingahlala kwindawo encinci yokumisa.

Ungenza ntoni wena?

